

IMVO ZABANTSUNDU

NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JULY 13, 1887.

[No. 140.-

QONDANI!

Umnikelo wamaphekepeke wo
1887-88.

UMZI ontsundu omele umandla wase
Qonce uyatyelwa ukuba

Irafu Yamaphekepeke

yonyaka oqala ngo 1 JULY, 1887, opela ngo 30
JUNE, 1888, iyakuqala ukwamkelwa ngo 1
JULY, 1887.

Umteto ubavumele abantu ukuba bahlaule
ngokutanda kwabo de kube ngumhla wa 29
SEPTEMBER, 1887. Abayihlaule ngapambi
ko 29 September bamelwe Lishumi Lesheleni
ngendlu. Kwakona ngalo eloxesha abalunge e
Xesi mabahlale ku Mr. KING, abalunge ku
Qoboqobo ku Mr. VERITY, abalunge e Tamara
ku Mr. DICK.

Emva ko 29 September eyakuba ingahla.
ulwanga iyaku nikelwa ku MAGWETA ukuba
ayibute. Ayakuti ke ubani oyakub
engabhatalanga de kwavileyomini amelwe
kuhlaula Ishumi elo lesheleni, selinole
elizisheleni ezimbini, kwanendleko yama-
gqweta ngendlu nganye. Impahla iyakuti- njwa
itengiswe. Yonke ke lonto iyakudala indleko.

Akunguwo umnqweno ka Rulumeni uku-
timba impahla yabantu, mhlambi ukuba
nyanzela ukuba babhatala imali engapezu
kweshumi lesheleni ngendlu. Kodwa ukuba
abantu abavumi ukuyihlaula IMALI YA.
MAPHEKEPEKE ise lixesha, ukuba ba-
yadukisa, akuko nto yimbi enokwenziwa
ngapandle kokuba ibizwe ngokugadalala.

Ndinga ke abantu bangabonisa ukuba
banayo intelekelelo, nokuba kulilungelo labo
ukuba balihlaule Ishumi Lesheleni ngendlu
ngapambi kosuku lwa 29 September, endaweni
yokuba bamelwe kuhlaule neyesohlwayo
kwanendleko yamagqweta; itinjwe impahla
yabo itengiswe ngento enge, yakolonto kuba
besuke bakunyabela ukuhlaula ngapambi ko 29
September.

Landelani icebo elilungileyo xa nilinikwe
ise lixesha.

W. B. CHALMERS,

Umantyi.
Civil Commissioner's Office,
King Williamstown, 1 June, 1887.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba
ukange-
lise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika
Iyeza Lesisu Nokuxaxazo.
1/6 ibotile.

COOK Elika
Iyeza Lokukohlala
(Lingamafuta).
1/6 ibotile.

COOK Aka
Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile.

COOK Elika
Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

COOK EziKa
Ipils-
1/ ngebokisana.

COOK Eka
Incindi Yezinyo.
6d. ngebottle.

COOK Oka
Umcaza Westepu Sabant-
wana.
6d ngebottle.

COOK Oka
Umgutyana Wamehlo.
6d ngesiqunyana.

COOK Oka
Umcaza we Cesine. 1/6.

COOK Niqondise ukuba igama ngn

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Nalipina Iyeza olifunayo unga-
lifumana kwa

E. W. WELLS,
Umpitikezi Wamayeza
ne Opteki,

Bathurst Street, E-Rini,
Ugcina amayeza amatsha nalu-
ngileyo.

ELOBUTATAKA

Nezifo ezingcungcutekisayo.
Eyona ide yancama ukulunga
yi

Wells Quinine and Iron Tonic

Ixabiso 2/9 ngebottle.

JOHN J. IRVINE & CO.,

ISITORA ESITSHA,
Sengubo nobu Qeleqele

Beza mankazana!

E QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/-

Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2 1/2d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3 1/2d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

NANTSO INTO OBUKADE UYIFUNA.

BAHAMBI NO MZI WASE QONCE

PAUL XINI WE,

UVULE
IKAYA LABANTSUNDU,

DURBAN STREET, E-QONCE,
Entla kwe " Mvo Zabantsundu " ezantsi ko Ngomti opezulti.
IYINDAWO ENTLE YABANTU NAMAHASHE

IJUBHILI!

DYER AND DYER

Kulevenkile i Jubhili YOMNTAN'OMHLE INKOSAZANA

Iyaku kunjulwa. Woti ngalenyanga ka JUNE otenge kwi

Venkile yetu ye Ngubo impahla exabiso liyiponti abuye

ayinikwe I 2s. 6d. Into yonke eyimpahla

NENTSHA ATOTYIWE AMANANI.

NKOSI SINDISA UKUMKANIKAZII

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

Hardware and Ironmongery,

PAINTS, OILS AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes--Red Ochre—Cutlery, &c.--

For Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU.

J. E. L. HULLING,

ONYANGA NGEMITI YASEKOLONI

NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelekwi
kani sise gazi; nokuba umntu sele likasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele—
xa umntu ebehlwe lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.

Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke eziba se Lufeleni, ibotile elula 5/., enkulu 10/

Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/., enkulu 6/.

Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge
otile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/., ne 22/.

Aka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa
nama dyungundyungu—linge mbizana 2/., 5/., 11/., ne 22/ inye.

Aka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange
bokisana, 2/-, 5/., 11/., ne 22/-

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e
Koloni ezi hleli zigciniwe.

Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlambi uye
kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungeleyo
ngemali encinane.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenje kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi

kwe ofisi ngase mcancatweni.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e-Town Hall- Kwisitora esinga pantsi esesitatu No. 3, Kwinkundla ye Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu. Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma- calana onke e-Koloni.

W. J. DEALY UTENGA Umbona, na Ma- zimba. Nokuba kuninzi ngalupina uhlobo okokutya uya kuku rolela ixabiso elipezulu kanye lase Markeni, e-Qonce.

ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse BONKE abafundileyo kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela izi tampo nokuba yi mali ehamba ngepepa 1- posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye,

HARTIGAN & CASEY,

Abatengisi bemphahla neempahla. BAHALALA batengisa impahla ehambayo kanye ngenyanga e Mtonjeni nase Balini. Yonke imiso emva kwe malike batengisa impahla ehambayo nokuba yekaba- nina Ubani uyinikwa emva komsito imali. E Qonce, 20 July, 1886.

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI, E-Bhulorweni nase Durban Street. Ngoku bazilungiselele ukurola awona ma- xabiso makulu Ngoboya Nezikumba, Zenkomo Nezebhokwe, Nezegusha.

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto KUPELA kwesi Tora saba Ntsundu ngenene kule Dolopu yase TARKASTAD. Zonke intlobo zezinto eziveliswa yi ntse- benzo veli lizwe zitenawa namaxabiso IKOMITI ELILISO LOMZI ONTSUNDU.

AMALUNGU Ekomiti Eliliso Lomzi

Ontsundu omele umandla wase Qonce —eyaqiniselwa kwintlanganiso eyayi Pantsi kwa Mahlali—imanyelwa entlanganisweni Emgqakwebe, kwa Mdingi, Ukolwesi-Ne ngokuhlwa 21 July 1887. Ukukangela (a) into emayenziwe mayelana nomteto otunga imilomo yabantsundu kwinto zolaulo. Kuyakuleswa kulontlanganiso nencwadi yo Mhlekezi Iruluneli epatelele kwakulowo mteto; (b) kwanento emayenziwe ukuba uluvo lomzi lube nokuvakaliswa Ekomitini ye Palamente esand' ukumiselwa ukupicota ingxoxo nokuvakaliswa kwandlwanisa kwe-nnala

- Umongameli— Rev. R. W. STUMBLES. Ititshala Enkulu— MISS BOND. Ititshala Ezincedisayo— WILLIAM MJOKOZELI. ROSAMOND NKOVO. Ititshala Yeshishini— Mr. W. COLLEY. Olungiselela Intsapo— Miss STUMBLES.

Isikula Sivulwa ngo Mvulo, 18 July. Kuyakuvulelwa kwamfundisi intsapo eyakuti intlaulo eyi £6 yenyanga ezintandatu,

Ababhubhilevo.

KWATSHA.—Ngo 24 April, Emxhelo' kubhubhe u NTANJANA KWATSHA. Izi- hlobo mazamkele lombiko.

KOSANI.—E Xesi, Middledrift, nge Ca wa, 10 Jul, 1887, Inkosikazi ka M.

Ukurunywa Kwelipepa le "Mvo."

ABANGALITUNYELWA NGA POSI 2/6 nge Kwata xa irolwa ngenyanga yoku- qala ekwateni; 3s. irolwe emva kweloxa. ABALITUNYELWA NGE POSI: —3s nge Kwata xa irolwe ngenyanga yokuqala ekwateni; 3/6 irolwe emva kweloxa.

Iveki.

U REV. CANON WOODROOFFB Umhloli-Zi- kolo zelipesheya kwe Nciba umke ngomko- mbe oya e Ngilani omke ngeveki egqitileyo. Uyatyelela.

LIWE kanobomi ikepu kwelipezulu—e Ko- mani nase Berkesdorp.

U REV. MR. VAN HERRDEN wase Steyns- berg uyamkele indawo yokuya e Skapu ukuyakuba ngu Mfundisi wama Bhulu kona.

IHASHHE lomfundisi u Rev. G. W. Cross wase Bini libiwe ngobusuku bolwesi-Tatu Iweveki epelileyo esitalini. Kute kanti isa- ngo le dyariti alitshixiwe, alifumana busulu akantsasana. Nanamhla.

ITITSHALA ezimhlope zeli bezidibene e Kapa ngegqitileyo zixoxa ngento ezingama- lungelo azo.

IBANDLA. elipete Umzi wama Bhulu ase Transvaal lide, ngenxa yokukalazelwa kolau- lo ngamapepa ayi Gazette ne Advertiser ako- na lagqiba kwelokuba aponongwe amalungelo okuteta okukululekileyo kwamapepa enda- ba.— Babe 26 abalamkelayo elocebo baba 6 abalicasayo.

INGOZI zase Tinara ziti xa seziko ke ziha- mbise. Ngale igqitileyo Ibhulu elingu Ro- tenmhara lite lishlha engqelweni ngedesel- bom,—tyibilili laya lawa pantsi kwenqwelo lapulwe umkono wafika umlenze wasizila enkonyaneni. Kwaye bekute ngom- Gqibelo owandulelayo indodana engu Tipper yaxwe- tyulwa ngokubi inyama yesandla kudubula kompu ngengozi. Lite lona ingqubakazi elimhlope lasinda emacebeshwini selixini- we yinkunzi yenciniba, ate unyana walo waseleyibulala, lacolwa seliwe isiduli.

UBUSELA bamahashe bufuna ukuti buka- taze e Rini. Kwakona ngolwesi- Hlanu ngokuhlwa kute ngentsimbi yeshumi afika ku Mr. T. H. Parker e Oatland. Kupume u Mr. E. Parker eva kusapuka into kanti kwapulwa iqaga elitshixileyo, elinye ihashe selifakwe imikala libekwe isali, elinye kuxa lifakwayo. Acela koxhongo xa apumayo u Mr. Parker. Yinyhashawe.

ISIDUMBU se Lawukazi ekubonakala ukuba ibiseliyindlavini sifunyenwe e Rini ngom Gqibelo intlobo itumbile.

EMVA kwamanqaku esiwenze kwelegqiti- leyo iveki, ngokwenda kwentombi ezamkela Imvo sinosizi— siyavuya, hinjane betu?— ukuti sibuye sasika amanye amagama ama- bini eledi ebezingaba tabati be Mvo esive ukuba nazo zendile. Ukutabata Imvo emaledini mayibe lupawu lokuqabuka. in fact ngati kungumti-silima.

IQALE izolo e Ncemeza intlanganiso yo Manyano Ngemfundo (N.E.A.) yonganyelwe ngu Rev. Makiwane. Lentlanganiso inikwe isihomo ngokubako ko Rev. P. J. Mzimba Bev. Boyce Mama, Rev. W. Philip, Rev. W. Rubusana ; amanene anjengo Chief N. C. Umballa, Messrs A. Gontshi, W. Gqoba, W. Ntsikana. P. Tyamzashe, P. Xiniwe, nama- nye abekwakona. Sibe nodano ukungawa- boni amane angu Rev. E. Mzimba no Mr. Wauchope. Namhla ibisahleli intlanganiso.

U MR. WILCOCKS ubuye wanyulelwa ukuba yi Mayor (Inkulu yomzi) yase Rini nano- nyaka.

INTLANGANISO yabafundisi (Synod) besi- tili esonganyelwe ngu Bishop wase Rini iya kuba se Rini ngo January 12, 1888.

IMICIMBI engamandla ebipambi kwe Ba- ndla eliyi Palamente epatelele kwabantsu- ndu mibini. Ngowotywala (inqila) ekubo- nakele ukuba ingxoxo engokupeliswa nokwa- ndiswa kwazo mayinikelwe iKo- miti iyicikide. Amabini kuma- nene angu Rulumeni abe kwicala elivumela i Komiti—o Sir G. Spriaa. no

UMZI omele i Dike unesiroro ngaku Rulu meni ngokusuka aleke itiki pezu kwe 12/9 irafu ebebesakuyibhatala kakadeni abantu. Nati into leyo isasisitele.

AMAWETU amele i Qonce, awayetumele umtandazo ochase ukutungwa kwemilomo amelwe kumbulela u Hon. J. zibe ziko imfazwe, amanz'amlilo, nezinye izinto ezise- benzela emva, ibaso sisenalo nana- mhla—libaso eliya kukanyisela zo- nke izizwe. Kanti nezizinto zisaya koyiswa kwazizo Ezondaba. Wa- nga u Mntan' Omhle angapila ix- sha elide, nezizipazamisozipele kwa esapete. Kusifanele kwakona tina bamnyama uku jabula nge Jubhili, kuba iyi Jubhili ye Nkosazana yombuso ote imbedlenge ezinjengomtina, awa- zenza onxu-mkonjana — wazinika amalungelo angeba ebefanele inkulelane zodwa—ote nimfaninye pambi kwesiko lalomzi. Nguwupina omnye umzi owaka wabonisa isisa esingaka ? Into ezininzi esilila ngazo— sityelwa sityelwe ukuba asiziso ezivunyelweyo ngumbuso esinqeni sawo; njengokuba bangavunyelwe ngamadoda onongqovu ukuba bawaqitise endle amancinane; kanti akwina-ekwinile amakwenkwana ezindle ngokuqutiswa ngamadala; abonelelwa ukuswela amandla, abonelelwa ubunkenekene, abonelelwa ukungazi. Ikwayilonto kulombuso kugqitywa nendawo yokuba kutunyelwe sikuvo lento ungafika amadala ewapete amadoda e Ngilane okuya kwandlala kweli esiqutisa esiqutisile. Kanti ke inteto vetu sonke bantsundu kumapakati

IKUMKANI yama Tebele yazisa kwipepa lase Pretoria, i Volksstem, ukuba ITITSHALA ezazungaziyalanga izikolo zazo ngeveki ye Jubhili ziyakuzivula ngo 25 July, ezazizivulile ngo 18.

HIP! HIP! HURE !!! Kulondawo mhla- mbindini wakowetu ose Bhayi! Kulondawo. Siva ukuba amawetu ase Bhayi ayakuba nentlanganiso enkulu ngom-Gqibelo lo, ukuvakalisa ingcaso yawo yalomteto woku- tungwa kwemilomo, kulontlanganiso kuya kugqitywa nendawo yokuba kutunyelwe sikuvo lento ungafika amadala ewapete amadoda e Ngilane okuya kwandlala kweli esiqutisa esiqutisile. Kanti ke inteto vetu sonke bantsundu kumapakati

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU JULY 13. 1887.

Ukugutyungelwa Kwaba mhlope ngaba ntsundu

SIYIVA siyivile lento

Ikolisa ukuvakala kumanene anjengo Sir GORDON SPRIGG kwi- ngxoxo ezinjengale ibisingetwe ebhotwe, yokuba amawetu apono- ngwe kwinto zombuso; kuba kusiti- wa aselela abamhlope. Sinamanqa- ku esingawenzayo ngalendawo. Koku- kwetu ukuqonda lenteto iyimposiso. Izalwa luluvo oluposisekileyo, olu- banga ukuba isininzi sabamblope sicinge ngokuti ontsundu unento azisekelezileyo embusweni ezingelilo ilungelo lomzi omhlope. Kunjalo na ke ? Asikolwa. Umzi ontsundu entweni zombuso uqele ukulungiselela ilungelo lomzi wonke; awuxhumise buntu basizwe ngapezu kwelungelo yomzi. Angalatwa adliwe nanamhlanje umntu owaka wanyulwa ngabamnyama ukuba aye e Palamente aye kukangela imfanelo zabantsundu kupela, angatini nezabamhlope. Kudla ngokwalatwa e Dikeni ukutyebisa inteto yokuntywiliselwa koluvo lwabamhlope ngabantsundu. Mhla amawetu ase Dikeni amnyula u Mr. INNES, babe kwi 200 abantsundu, abamhlope be 400 eacwadini yabanelungelo lokupendula into zombuso. Babenga- tini abantu abambalwa ukuntywili- sela isininzi? Nto tina esiyaziyo eyenzeka e Dikeni nase Ngqushwa yeyokuba abantsundu benza imigu- du namacebo engqondo okutumela eyona ndoda e Palamente ekubeni abamhlope babelinga ukutumela abantu ababengasoze banikelwe ndlebe e Bandla.

Iminyana ukuba iko into leyo ku- tiwa Emashumi mahlanu Yo Mntan'Mhle

Ukuputyungelwa kwaba mhlope ngaba ntsundu yimbi kunale ipele ngayo ingxoxo yokutungwa kwabantsundu imilomo kwinto zombuso ngu Sir JOHN SPRIGG. Longxoxo ipele ngokuti amashumi amane amadoda anamadoda amane avumele icebo lika Sir JOHN SPRIGG. abekumashumi amabini anamadoda amatatu alichasayo. Azivakali iziganeko zo- kuba enjiwenje ontsundu Uyaca- tshukelwa nje sininzi samadoda Ebandla, ecatshekulwa kungeko so- nakalo asenzileyo. Itemba letu yi Ruluneli ne Nkosazana, maudiba- nise intloko umzi ontsundu wozake wenze intandazo ku Ma wetu Inkosazana ukuba lomteto usihluta imfanelo zetu angavumi ukuba uhanji- swe. Lomandla unawo. Nguwolo umhla afanele eceliwe ukuba awa- abanakalise, mhla abantu bake abasi- ti bedlelwa indlala njengokuba ku- njalo ngalomteto. Amadoda ane- ngqondo mawa seke ikomiti kwimi- mandla akuyo kuzanywe ukutunye- Iwa kwi Ruluneli isicelo sokuba asitumelele ku Mntan' Omhle u FITOLI. Imvo Zabantsundu zimele ukuba ngumlomo wabase Ngqushwa ukuteta nabase Gqili abase Qonce ukuteta nabase Batenjini njalo-njalo. Baninzi abangaziyo ukuba lama- lungelo sinawo embusweni sawini- kwa yi Nkosazana ngesiqu, sesila- ndulelwe sisininzi samanene e Bho- twe lase Kapa. Babangati-gqili- gqili o W. PORTER, amaciko emi- nyaka emashumi matatu eyagqitayo bezama ukusifumanela amalungelo etu, yayinqaba, asake sitsho isininzi segqigula lezomini (kuba yayinge- kamiselwa i Palamente.) Ezimfa- nelo sinazo saziyiwa pesheya, noko asehlutayo nje namhla u Sir JOHN SPRIGG. Kukwa pesheya ke apo sinokuya kuzibika kona ngomtando- zo ipakati le Nkosazana i Duke of Newcastle yenjenje ukubhala ngo (1853) mhla sanikwa imfanelo yetu:—

KWIMIXAUKA yonke

kufika intsholo enye yemivuyo abenayo amawetu nge Jubhili ye Nkosazana. Bekusifanele kunene tina ma Afrika ukuba " sijabule nge Jubhili," kuba kunokutshiwo kufaneleke ukuba elixesha likwayi

Jubhili nakuti yokungena kwetu pantsi kwalombuso sikuwo—umbuso otetelela nento epantsi engenakuzi- hlanganisela. Kungaso esisituba sokupata kuka VICTORIA ezafikayo kuti Indaba Ezilungileyo, kwanoku- kanya oku kungumntya netunga nazo Nakuba nezinye izinto ezise- benzela emva, ibaso sisenalo nana- mhla—libaso eliya kukanyisela zo- nke izizwe. Kanti nezizinto zisaya koyiswa kwazizo Ezondaba. Wa- nga u Mntan' Omhle angapila ix- sha elide, nezizipazamisozipele kwa esapete. Kusifanele kwakona tina bamnyama uku jabula nge Jubhili, kuba iyi Jubhili ye Nkosazana yombuso ote imbedlenge ezinjengomtina, awa- zenza onxu-mkonjana — wazinika amalungelo angeba ebefanele inkulelane zodwa—ote nimfaninye pambi kwesiko lalomzi. Nguwupina omnye umzi owaka wabonisa isisa esingaka ? Into ezininzi esilila ngazo— sityelwa sityelwe ukuba asiziso ezivunyelweyo ngumbuso esinqeni sawo; njengokuba bangavunyelwe ngamadoda onongqovu ukuba bawaqitise endle amancinane; kanti akwina-ekwinile amakwenkwana ezindle ngokuqutiswa ngamadala; abonelelwa ukuswela amandla, abonelelwa ubunkenekene, abonelelwa ukungazi. Ikwayilonto kulombuso kugqitywa nendawo yokuba kutunyelwe sikuvo lento ungafika amadala ewapete amadoda e Ngilane okuya kwandlala kweli esiqutisa esiqutisile. Kanti ke inteto vetu sonke bantsundu kumapakati

Ukuputyungelwa kwaba mhlope ngaba ntsundu yimbi kunale ipele ngayo ingxoxo yokutungwa kwabantsundu imilomo kwinto zombuso ngu Sir JOHN SPRIGG. Longxoxo ipele ngokuti amashumi amane amadoda anamadoda amane avumele icebo lika Sir JOHN SPRIGG. abekumashumi amabini anamadoda amatatu alichasayo. Azivakali iziganeko zo- kuba enjiwenje ontsundu Uyaca- tshukelwa nje sininzi samadoda Ebandla, ecatshekulwa kungeko so- nakalo asenzileyo. Itemba letu yi Ruluneli ne Nkosazana, maudiba- nise intloko umzi ontsundu wozake wenze intandazo ku Ma wetu Inkosazana ukuba lomteto usihluta imfanelo zetu angavumi ukuba uhanji- swe. Lomandla unawo. Nguwolo umhla afanele eceliwe ukuba awa- abanakalise, mhla abantu bake abasi- ti bedlelwa indlala njengokuba ku- njalo ngalomteto. Amadoda ane- ngqondo mawa seke ikomiti kwimi- mandla akuyo kuzanywe ukutunye- Iwa kwi Ruluneli isicelo sokuba asitumelele ku Mntan' Omhle u FITOLI. Imvo Zabantsundu zimele ukuba ngumlomo wabase Ngqushwa ukuteta nabase Gqili abase Qonce ukuteta nabase Batenjini njalo-njalo. Baninzi abangaziyo ukuba lama- lungelo sinawo embusweni sawini- kwa yi Nkosazana ngesiqu, sesila- ndulelwe sisininzi samanene e Bho- twe lase Kapa. Babangati-gqili- gqili o W. PORTER, amaciko emi- nyaka emashumi matatu eyagqitayo bezama ukusifumanela amalungelo etu, yayinqaba, asake sitsho isininzi segqigula lezomini (kuba yayinge- kamiselwa i Palamente.) Ezimfa- nelo sinazo saziyiwa pesheya, noko asehlutayo nje namhla u Sir JOHN SPRIGG. Kukwa pesheya ke apo sinokuya kuzibika kona ngomtando- zo ipakati le Nkosazana i Duke of Newcastle yenjenje ukubhala ngo (1853) mhla sanikwa imfanelo yetu:—

AMAWETU ebenge-

ngokusikwa imilomo. na kulindela nto

Ukuputyungelwa kwaba mhlope ngaba ntsundu yimbi kunale ipele ngayo ingxoxo yokutungwa kwabantsundu imilomo kwinto zombuso ngu Sir JOHN SPRIGG. Longxoxo ipele ngokuti amashumi amane amadoda anamadoda amane avumele icebo lika Sir JOHN SPRIGG. abekumashumi amabini anamadoda amatatu alichasayo. Azivakali iziganeko zo- kuba enjiwenje ontsundu Uyaca- tshukelwa nje sininzi samadoda Ebandla, ecatshekulwa kungeko so- nakalo asenzileyo. Itemba letu yi Ruluneli ne Nkosazana, maudiba- nise intloko umzi ontsundu wozake wenze intandazo ku Ma wetu Inkosazana ukuba lomteto usihluta imfanelo zetu angavumi ukuba uhanji- swe. Lomandla unawo. Nguwolo umhla afanele eceliwe ukuba awa- abanakalise, mhla abantu bake abasi- ti bedlelwa indlala njengokuba ku- njalo ngalomteto. Amadoda ane- ngqondo mawa seke ikomiti kwimi- mandla akuyo kuzanywe ukutunye- Iwa kwi Ruluneli isicelo sokuba asitumelele ku Mntan' Omhle u FITOLI. Imvo Zabantsundu zimele ukuba ngumlomo wabase Ngqushwa ukuteta nabase Gqili abase Qonce ukuteta nabase Batenjini njalo-njalo. Baninzi abangaziyo ukuba lama- lungelo sinawo embusweni sawini- kwa yi Nkosazana ngesiqu, sesila- ndulelwe sisininzi samanene e Bho- twe lase Kapa. Babangati-gqili- gqili o W. PORTER, amaciko emi- nyaka emashumi matatu eyagqitayo bezama ukusifumanela amalungelo etu, yayinqaba, asake sitsho isininzi segqigula lezomini (kuba yayinge- kamiselwa i Palamente.) Ezimfa- nelo sinazo saziyiwa pesheya, noko asehlutayo nje namhla u Sir JOHN SPRIGG. Kukwa pesheya ke apo sinokuya kuzibika kona ngomtando- zo ipakati le Nkosazana i Duke of Newcastle yenjenje ukubhala ngo (1853) mhla sanikwa imfanelo yetu:—

Ulaulo lo Mntan' Omhle luqinisekile uku- ba ayisokuba yinto enqwenelekayo ukuba amalungelo ombuso afinyezwe kangangoku- ba

embusweni ; ukuze kuvelele iqela elitile lodwa eknpatweni kwesiko. Ngumnqweno we Nkosazana ukuba abantu bayo bonke, nabakusipina isimo, nabangalipina ibala, babotshwe ngantambonye yentobelo-mbuso, baziqonde ukuba bangabantu bombuso Omnye, kungokuba ijonge kulonkalo ke lento iti amalungelo abantu bayo bonke embuswe- ni mawabe ngalinganayo.

Yilenteto ebanga ukuba sitembe. Kunyatelelwa pantsi kwenyawo le- nteto ngalamadoda ati masitungwe imilomo. Ukuze atetwe lamazwi kumaxa basesiti makabe nomhlaba oyi £50 umntu ukuze afanelwe nea- malungelo omzi. ahliswa

Amanqaku.

INENE elimhlope, u " W. G. " eliti liya- mazi u Capt. Blyth, liti maungetuswa yi- ntshwabulo yake umzi ontsundu, ucinge ukuba u Captain Blyth uzibandla kanye nentshaba zamalungelo etu. Liti elonene, u Captain Blyth upetwe e Kapa; kungati kanti uhambisa intando yabapati bake, kulengcaso ye- ntlanganiso nokugxeka abafundileyo ne "Mvo" ngapandle kwesizatu. Nati apa sityekele kololuvo. Ngokoke asim- deli nganto u Capt. Blyth. Elinene lisi- bhaleleyo liwuncoma kunene umsebenzi wempi entsundu yokuzama ukumisa intlanganiso, kuba ilisiko lase Mangesini. Ngendawo yokuba kusitiwa Amamfanoni abivela emva lomhlahali KWIPEDA elisand' ukufika livela kwela- ma Yuropu, sitabata elicapaza: " Umhla wokukunjulwa kokupela komnyaka wokuqala wosana oluyakuba yinkosi yase Spain, uzukiswe ngokuti amasoldati awayegwetywe ngesizatu sokulwa nombu- so welo, ancitshiselwe ixesha ayakuhlala- la entolongweni." Xa kuncitshiswa amaxesha ababanjwa nje kwamanye amazwe. naomhla wokukumbuzo

IPEPA lase Kapa i Cape Times ibalisa ngemigudu eyenziwayo kulowomzi, ejo- nge ekubeni umhlambi ontsundu owan- ndayo kona wenzelwa imfanelo zompe- fumlo. Egameni lamawetu lomalinga siyawabulela. Ibandla lama Presbyterian (lase Rabe) selinebuto lamadodana antsundu elifundiswa ngokuhlwa. Beke kwa- ko imvumo yelikaba yonganyelwe ngu Mr. W. E. Moore, inkulu yomzi wase Woodstock, inene elincome ukwanda kwe Lizwi kwizwe ezintsundu; utete ngabukali ekwalisa ukuyichasa kwake imiteto, onjengale ukuba abantsundu

NGEVEKI ye Jubhili, u Very Rev. C. W. Barnett-Clarke, umfundisi ongeneno kwe Bishop, wase Kapa, wenze inteto kwi Cape Times ebonisa ukulunga kokuba bakululwe ababanjwa bemfazwe, ukunika isihomo semigqobo ye Jubhili. Waye naye ekunjuzwa sisenzo esenziwe ko matofoshe namasoldati ase Ngilane ancitshiselwe amaxesha, amanye axolelwa. Kwa- ngeloxesha e Rini umfundisi into ka Tshemese (Rev. J. A. Chalmers) ite ishu- mayela kwintlanganiso eyeyama Wesile, ne Baptists ne Presbyterians eyayikwi tyalike yama Wesile wenza intshumayelo yobuciko ekute kwako lamanqaku: " A- banye kuti bahleli besazi isintsonkoto somnyaka we Jubhili kuma Yuda: ukuba ibiba ngumnyaka wamatamsanqa entlalweni nase mpefumleni, ngokoke sihleli singabanetemba ukuba Umntan'

I PALAMENTE

UKUTUNGWA KWE MILOMO. U MR. TUDHOPE : Ute amadoda amacala omabini arole ubuciko ayive- lelamacala onke lengxoxo akuseko nda- wo intsha ingaveliswayo. U Rulumente utyolwa ngeliti lomteto awenzayo liye- lenge lokukhupa abantsundu evotini. Kute gqi ilungu lase Ligwa neyalo into yokuba ontsundu makenziwe azive ukuba upetwe. Ulixelela mhlope ibandla uku- ba zonke ezonto aziko ku Rulumente. Lomteto uyilento kutiwa uyiyi, ulilinga elicocokileyo lokuhlambulula incwadi yabanyuli ukuze ihlale icocokile lonke ixesha [Hear, hear, u MR. MYBURG ute Kupela kwento wenzelwa yona; kwahle- kwa]. Ukuba kuyekwe kwaqubeka ngolu- hlobo kwezinye iziqingata zabantsundu bayakuba gubungela abelungu baze ba- ngabi nazwi bona embusweni ibe ngaba- ntsundu bodwa. (Hear, hear, & no, no.). Akuko "no" wanto kuba lonto seliko kwezinye iziqingata ezinjenge Alvani apo inani labanyuli lili 1,400, kwelonani ama 800 ngabantsundu. (Hear, hear). Angaba u Rulumeni aka- wazi umsebenzi wake xa engayilungisi msinya into enje pambi konyulo oluzayo. Ilungu lase Bhofolo liti umntu onmayama makangangelwa njengesilo kuba ehlala engqukuveni. Lomteto awenzelwa ke kuba abantsundu

bambelele kwinkosi zawo ikumkani ingento inganani. Ufuna ukuya isizatu sokuba bati abantu abasazeka betshata ngendlelana eyodwa, benamanye amasikwana awodwa banikwe ilungeio labantu ngabanye? (Hear, hear.) Abakabinamfu- ndo kwana ngeqesho yaneleyo. Lomteto uyakukhupa izipampam ezinjalo evotini kusale abanjengaba shumayeli. [MR. MERRIMAN Hear, hear.]—Netitshala nabanye benqubela pambili, ingeyiyo lenkunkuma imana ukuphila imizi ipuma kulo ingene kulo isonakalisa. Lomteto sisando sokutyunza ubuzwe, ukutaza abakuteleyo; no Sir George Grey igcisa le Ruluneli wayaleza ukuba kubulawe amagunya enkosi. I Felkornet ngabona bantu bafanelwe kanye kubhala abantu kuba bahlala pakati kwabo: angati ongabhalwanga abehlele ema ntyini iyilungise lonto. (Hear hear.) Enye into iminyaka ayimashumi matatu abantsundu bengene evotini; nangale minyaka imbalwa bepakati abayazi into abayenzayo. U Rulumente akazikatazi ngezinteto zokumana kusoyikiswa ngokuti kuyakuhla okutile nokutile wenziwe lomteto. Abantsundu abanqondo abazifundayo ingxelo ze Palamente bayakuliseka nguwo kuba boqonda ukuba akucotelwa bona. (Cheers).

U MR. VINTCENT uyavumelana nelokuti incwadi mazihlanjululwe, kodwa akuko sizatu sokuba lentlambululo yenziwe ngomteto okohlakeleyo. Zanele indlela ezikoyo zokuhlambulula. Kusekukheleni ukuba u Rulumeni akasokuvuma ukuba lomteto uye ebhungeni le Ko- mite, ngokwe ilungu lase Bhofolo (u Mr. Ayliff) kufuneka liwuchasile. Akufuneki miteto mitsha ngoku kufuneka kuanjiswa le ikeyo. Ukuqala kokubonakala kwalomteto epepeni lakomkulu zati izihlobo zika Rulumeni ngowobugcisa, kodwa ute wakuxoxa wasuka wahanjiswa ze wabonakala ukuba buqokolo nobumenemene bodwa. Kulaliswa abantu nje kodwa ngokuti hayi lomteto uhlambulula incwadi ekubeni ubonakala mhlope ukuba ubulala abantu abantsundu. Badlelwa indlala kuba abakayipati kakubi ivoti, namalungu anyulwa ngabo akangapantsi ngenqondo kwamanye. Olu faulo lwetu lolwabameli, akulungile ke ukuba kubeko abantu abangena bateteleli. Into efanelekileyo kukusuke amalungu achasileyo agoduke xa ati akumvusa u Rulumeni ngezinteto kutiwe axhaya imfazwe. Akuko nto iyakuzuzwa ngokuzanyanwa neziqo zabantu, makusetyenzelwe ilungelo leli lizwe lonke. Umgcini-Mali (u Sir Gordon Sprigg) ungenise into entsha ngoku embusweni, yokuvakalisa into ze kuti kusatakelwa asuke qikili ngomhlana auye nenyte into. Ixela ilishwa ke lonto, lupawo lokufa. Inye into asebetembele kuyo bona yilento ito “Nyaniseka, ngovoyi.”

U MR. VAN DER WALT ute akuko nento enalomteto ulunge kanye, kwenziwa into ebikade itandazelwa leminyaka. Yena uyakuvuvotela lomteto etemba ukuba nabanye baya kwenjengalo kubanjenswane ukusebenzela ilizwe.

NGO-MVULO 27 JUNE.

Ingxoxo ngokutungwa kwemilo yabantsundu kwinto zolaulo ibuye yandululwa ngolusuku ngu MR. LEONARD otsho ngaaqambileyo ebonisa ukuba lomteto mtsha wokungeniswa kwamagama abanelungelo, kuyakuba yinqaba ukuwuquba, ngetuba lokuba amagosa azi Felkornet engasakuba nako ukubazi bonke abantu abakwiziqingata zabo. Ubonise ukuba lomteto ngwenkohliso. Abanganisi bawo (o Sprigg) bati ngowoku hlambulula incwadi kanti abaxhasi bawo ama Bhulu babona ungowokutunga imilomo yabantsundu.

U MR. WARREN: Ute umteto omisa umbuso wanele xa kungxanyelwe ukukhuthwa amagama abantu abangenalungelo ekupenduleni into zomzi. U Rulumente akayityebisanga into yake eti baninzi abantsundu abangeniswe kwincwadi yabanyuli abangenamfanelo ukuba bangeniswe. Abantsundu sebesazi ukuba kusingetwe ukuba basikwe imilomo kwinto zombuso; iyakubanga ukuba babe nobuthshaba ngakomhlope into vokuva elibandla liwamkele lomteto. Bava betungulula abanyma kwinto zokukanya, lunolako ke ukuba tyhalela emva ngomteto woluhlobo. Kuko amanene ate ontsundu akalifuni ilungelo lokutumela amadoda oluvo lwabo kule-kundla: lonto yimposiso, kuba kungeko bantu bazazi njengabo into ezipatelele embusweni. iyindawo yabo Mangesi ukuba bagcine amalungelo abantu bonke kuba ibanga uluvo olubi into yokuba inxenyi kwapakati komzi ihlutwe amalungelo. Lomteto usingetweyo ungombi unengozi, uziva emelwe kwuchasa.

U MR. DE VOS ute lomteto uyakumpakamisa ontsundu kuba uyakubanga ukuba ake indlu yexabiso le £25 ukuze afanelwe kunyula. Amalungu anyulwa ngabantsundu mawahambe pakati kwabo abakutaze ukuba baka izindlu ezipilileyo ukuze bafanelwe lilungelo.

U MR. LOUW ute lomteto bausingetweyo uwe nganeno kwento efunwa ngama Bhulu kuba wona esiti ukuze ubani abenemfanelo yokupendula kwinto zombuso makabe ne £100 mhlambi £200. Ute elake icebo lellokuba unikelwe ikomiti iwucedulule.

U MR. JOUBERT ute Amabhulu uva funi kuba kucalula ibala: ati ilungelo malifunwanve zingcungu kupela. Abantsundu abalibabati ngokwabo ilungelo bangeniswa ngabanye, kute ngoko kwangena abaninzi abangenamfanelo.

U MR. DOUGLASS ute akalofwa ukuba ngowokuhlambulula incwadi yabanyuli kupela, nakubeni engakolwa yena yinto ngakuba itwetw ngalamadoda angu Rulumente ngoku. Lomteto unika inkatazo kuye wonke ofuna ukuba igama lake lingeniswe. kangangokuba bayakuba mbalwa abantu abayakuba seziwadini, into onganqwenekileyo. Ngoko akaboni ukuba unokuwu xhasa lomteto. Ngumteto ongeniswa licala lakwa Sprigg ukupononga icala lakwa Scanlen. Ungeniselwa ukuze unike o Sprigg ixesha elide bedimbaza nje imali yakomkulu.

U MONGAMELI: Ilungu elibekelileyo liyaposisa ukuteta ngesizatu semali ezamkelwa ngamalungu angu Rulumente.

U DOUGLASS : Ndti bahleli paya bexhamla imali zakomkulu.

U MONGAMELI: Ilungu elibekelileyo ngingavibuyisa umva lomteto.

U MR. DOUGLASS: Mandiyibuyise kambe. Ndti kodwa nabo behleli andisiboni isiwo sam. Utho wati asinakutabata imputo yama Bhulu, yabantsundu ngawo amawatabate eyetu.

U MR. CORNWALL ute uze apa e Kapa ezimisele ukuwuchasa lomteto. Uqgojowze zinteto zamadoda angu Rulumente ate awasebenzeli kumbandezela

ontsundu. Ngoko uyawuxhasa lomteto. U MR. SMIDT ute ngati lomteto awusakusebenza kakuhle. Uxhasa icebo lo unikwe i Komiti iwupicotele. Akanguye omele ukuba abantsundu banikwe ilungelo le voti.

U MR. PEARSON ute lo ngomnye wemiteto anqwenela ukuba ngewunga kankanywanga nokukankanywa; ngenxa yokuba ubanga uluvo olushushu olubako maxa onke kwakutetwa ngontsundu. Ulusizi ukuba ingxoxo enje- ingabi yintu yokuba intloko zamacala omabini ebandla zidibane, zivumelane, endaweni yokuxhomana ngoluhlobo.

